URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Patricia van Niekerk
ICandelo eliyiNtloko leZithili
Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

Inombolo yefayili: 27/9
Isalathiso: 20220902-6219

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko: 0004/2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe nakumagosa azo zonke izithili

ISihloko: Inkqubo yokujongana nemibuzo yokwamkelwa kwabafundi esikolweni

1. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukubonelela ngenkqubo yokujongana nemibuzo yokwamkelwa kwabafundi esikolweni.

2. Imibuzo emalunga nokwamkelwa kwabafundi esikolweni inako ukohlulwa ibe zezi ndidi zimbini zilandelayo:
   a) **Imibuzo yokwamkelwa kwabafundi esikolweni** emalunga nemiba yomthetho – Imibuzo efunyenweyo evela kwigqwetha, kwiZiko i-*Legal Resources Centre*, iZiko i-*Equal Education Law Centre* okanye kulo naliphi na iziko eliyi-*Chapter 9 institution* (umz. iKhomishini yamaLungelo oluNtu yaseMzantsi Afrika (*South African Human Rights Commission*).
   b) **Imibuzo eqhelekileyo yokwamkelwa kwabafundi esikolweni** – Izicelo zoncedo ngokubanzi ezivela kumzali/kumgcini-womntwana.

3. **Inkqubo elungiselelwe imibuzo yokwamkelwa kwabafundi esikolweni emalunga nomthetho**

   a) Wakube ufunyenwe umbuzo mawudluliselwe ngoko nangoko apha: Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za
   b) UNks Patricia van Niekerk uya kuphendula kwiiyure ezingama-72 ewufumene umbuzo.
   c) Ukuba ikhona imfuneko, umcimbi uya kudluliselwa kwiCandelo leeNkonzo zoMthetho ukulungiselela ukufumana uluvo okanye ingcebiso esemthethweni.
   d) Emva koko umcimbi uya kudluliselwa kumlawuli wesithili ochaphazelekayo.
   e) Umbuzo mawufakwe kwisistim i-*School Admissions Management Information* (*SAMI*) yaye umcimbi uya kwabelwa igosa lesithili emalijongane nawo lize liwusombulule.
   f) Makulandelwe inkqubo ebhalwe kumhlathi 4.

g) Makungeniswe ingxelo emiselweyo kumlawuli wesithili ochaphazelekayo nakuNks Patricia van Niekerk.

4. **Inkqubo elungiselelwe imibuzo eqhelekileyo yokwamkelwa kwabafundi**

a) Wakube ufunyenwe umbuzo, amagosa esithili kufuneka aphendule kwisithuba seeyure ezingama-72 echaza ukuba awufumene umbuzo lowo.
b) Umbuzo mawufakwe kwisistim i-*SAMI* yaye umcimbi wabelwe igosa lesithili emalijongane nawo lize liwusombulule.
c) Ukuba umfundi uyinikiwe indawo yokufunda esikolweni, ileta yokunika umfundi indawo yokufunda esikolweni emiselweyo (ebhalwe ephepheni elineletahedi yeSebe leMfundo leNtshona Koloni) kufuneka ithunyelwe esikolweni.
d) Isikolo kufuneka siqinisekise ukuyamkela ngokuyisayina, siyifake umhla nesitampu ileta yokunika umfundi indawo yokufunda esikolweni, size siyiskene siyiphindisele ngokuyithumela nge-imeyili kwigosa lesithili. Ileta yokunika umfundi indawo yokufunda esikolweni yentsusa kufuneka igcinwe kwifayili esikolweni ukwenzela iinjongo zokuyifaka kwirekhodi.
e) Ileta yokunika umfundi indawo yokufunda esikolweni eskeniweyo nazo zonke iimbalelwano kufuneka zifakwe kwisistim i-*SAMI*.
f) Emva koko ikopi eskeniweyo yeleta yokunika umfundi indawo yokufunda esikolweni kufuneka inikwe umzali/ umgcini womntwana.
g) Umcimbi kufuneka uphawulwe njengosonjululiweyo kwisistim i-*SAMI*.

5. Kucelwa wazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2022-09-08